



Inombolo yefayili.: 20/2/1
Isalathiso: 20230523-4577

INGcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0010/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo ngeze-SLES, kuBaququzeleli boVavanyo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC)

Isihloko: Ukubuyiselwa kwezatifikethi zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) ezingabangwanga.

1. Bonke abathathi-nxaxheba, kuqukwa iinqununu zezikolo zemfundo ephakamileyo/ezeesekondari, nabaphathi bamaZiko okuFunda asekuHlalani (*Community Learning Centres*), kufuneka bakuthathele ingqalelo oku kulandelayo:
 - a) Zonke izatifikethi ezingabangwanga mazibuyiselwe kwaNdlunkulu emva kwethuba leenyanga eziyi-12 ukususela ngomhla wokwamkelwa kwazo ngamaziko (*centres*); yaye
 - b) Izatifikethi zemviwo zangoNovemba 2021, ezahanjiswa ngo-2022, kucelwa zibuyiselwe kwaNdlunkulu ungalulanga owe-31 Agasti 2023. Le nkqubo kufuneka iphindwe ngonyaka ngamnye.
2. Izatifikethi ezingabangwanga ziya kugcinwa kwaNdlunkulu kwindawo ekhuselekileyo ithuba leminyaka emithathu, ukulungiselela ukuthathwa kwazo okunokwenzeka ngabaviwa. Ukuba azibangwanga kwithuba leminyaka emithathu, izatifikethi ziya kutshatyalaliswa.
3. Ukongeza koku kungentla, abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo kufuneka kananjalo bathobeke imimiselo, imigaqo-nkqubo nemiyalelo ka-Umalusi ngokuphathelele koku kulandelayo:

- a) Izatifikethi ezingabangwanga kufuneka zibuyiselwe emva kweenyanga eziyi-12 zikhutshiwe ezikolweni.
 - b) Izatifikethi kufuneka zithathwe njengezixabiseke kakhulu neziyimfihlo, yaye mazigcinwe ngokunqatyisiweyo ngalo lonke ixesha yaye,
 - c) Abaviwa kufuneka baziswe xa izatifikethi zikulungele ukuthathwa yaye ukuhanjiswa kwazo kufuneka kwenziwe phantsi kwemeko ezikhuselekileyo.
4. Kucelwa ukuba izikolo zizibuyisele kwaNdlunkulu izatifikethi ezingabangwanga zibhalwe ngokucacileyo ngolu hlobo lulandelayo:

UNCLAIMED CERTIFICATES FOR ATTENTION:

Mr Werner Gordon

Directorate: Examinations Administration

11th Floor, Room 11.12

1 North Wharf Square

2 Lower Loop Street

Foreshore

CAPE TOWN

8001

5. Apha kuqhotyoshelwe iSatifikethi sokungqina ukususwa nokubuyiselwa kwezatifikethi (clearance certificate), emasizaliswe sisikolo ukuqinisekisa ukuba zonke izatifikethi zeminyaka echaziweyo zisusiwe yaye zibuyiselwe kwaNdlunkulu.
6. Imibuzo emalunga nokubuyiswa kwezatifikethi ezingabangwanga inokuthunyelwa kuMnu Werner Gordon, kule dilesi ye-imeyili: Werner.Gordon@westerncape.gov.za .
7. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu kulo mba.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-06-07